



Province of the  
**EASTERN CAPE**  
EDUCATION

**NATIONAL  
SENIOR CERTIFICATE**

**IBANGA 11**

**NOVEMBA 2017**

**ISIXHOSA ULWIMI LOKUQALA  
OLONGEZELELWEYO P2**

**AMANQAKU: 70**

**IXESHA: 2 iiyure**



---

Olu viwo lunamaphepha ali-16

---

**IMIYALELO NENGCACISO**

1. Funda le miyalelo ngenyameko phambi kokuba uphendule imibuzo.
2. Musa ukuzama ukufunda lonke iphepha. Yiya kwisiquqatho kwiphepha elilandelayo uze uphawule amanani emibuzo esetwe kwiincwadi ozifundileyo kulo nyaka. Emva koko, yifunde le mibuzo uze ukhethe ofuna ukuyiphendula.
3. Eli phepha LINAMACANDELO amaTHATHU:  
ICANDELO A: Inoveli (35)  
ICANDELO B: Idrama (35)  
ICANDELO D: Imibongo (35)
4. Landela imiyalelo esekuqaleni KWECANDELO NGALINYE ngononophelo.
5. Phendula imibuzo ibe miBINI iyonke, umbuzo NGAMNYE ukhethwa nakweliphina icandelo kula: A, B, no C.

ICANDELO A: INOVELI

Phendula umbuzo kwincwadi yenoveli oyifundileyo.

ICANDELO B: IDRAMA

Phendula imibuzo kumabali OMABINI abuziweyo

ICANDELO C: IMIBONGO

Phendula imibuzo ebuziweyo YOMIBINI.

6. Sebenzisa uluhlu lokukhangela lakukunceda.
7. Nombola iimpindulo zakho ngokuchanekileyo ngokwendlela yokunombola esetyenzisiweyo kwiphepha lemibuzo.
8. Qala icandelo NGALINYE kwiphepha ELITSHA.
9. Bhala ngokucacileyo nangokucocekileyo.
10. Ingcebiso yokulawula ixesha: Sebenzisa imizuzu engama-60 kwicandelo ngalinye.

**IPHEPHA LESIQULATHO**

Eli phepha liza kukunceda ukuba ukwazi ukukhetha imibuzo ofuna ukuyiphendula ngaphandle kokufunda lonke iphepha.

**ICANDELO A: INOVELI**

Phendula umbuzo ube mNYE kweli Candelo.

INANI LOMBUZO		UMBUZO	AMANQAKU	INOMBOLO YEPHEPHA
1.	<i>Vuleka Mhlaba</i>	Umbuzo omfutshane	35	5–8

**OKANYE**

**ICANDELO B: IDRAMA**

Phendula umbuzo ube mNYE kweli Candelo.

2.	<i>Idayimani icholwa eluthulini</i>	Umbuzo omfutshane	35	9–12
----	-------------------------------------	-------------------	----	------

**OKANYE**

**ICANDELO C: IMIBONGO: ISIHOBE SE-AFRIKA ENTSHA**

Phendula imibuzo YOMIBINI kweli Candelo.

INANI LOMBUZO		UMBUZO	AMANQAKU	INOMBOLO YEPHEPHA
3.	Uthando	Umbuzo omfutshane	17	13–14
4.	I-Afrika	Umbuzo omfutshane	18	15–16

**ULUHLU LOKUKHANGELA**

Kunyanzelekile ukuba ujongisise olu luhlu lulandelayo ukuze uqiniseke ukuba ukhethhe imibuzo ngendlela eyiyo.

	<b>ICANDELO</b>	<b>AMANANI EMIBUZO</b>	<b>INANI LEMIBUZO EPHENDULWAYO</b>	<b>PHAWULA</b>
A	INoveli Vuleka Mhlaba	1	1	
<b>OKANYE</b>				
B	Idrama Idayimani icholwa eluthulini	1	1	
<b>OKANYE</b>				
C	IMIBONGO I-Afrika Entsha	2	2	

**QAPHELA:** Phendula imibuzo ibe miBINI nakweliphi na icandelo kula: A, B, no C.

**ICANDELO A: INOVELI****UMBUZO 1 (UMBUZO OMFUTSHANE)****VULEKA MHLABA: NCEDILE SAULE****ISICATSHULWA A**

1.1 Funda ngocoselelo esi sicutshulwa silandelayo uze uphendule imibuzo.

“Nasi esiya simuncu sibulele umfazi waso.”

“Ngubani ke ngoku lowo?”

“Yilaa nja uBantu.”

“Usekhona loo mntu?”

“Unabantu bakhe uYehova, akuyazi loo nto?” utsho uJolela ekhomba phandle ngesandla esiphethe iglasi yotywala, laqa kroloqo ithamo lokugqibela lotywala akugqiba, abe sekhwaza unobhara ukuba aze nobunye kwakunye neglasi yesithathu.

Uthe engena uBantu wabe sele emkhwebela etafileni awayehleli kuyo nomlingane wakhe uNtozonke, uTshezi, elinye lamagqwetha akwalapho eKapa eGugulethu.

ICassablanca Tavern eParow, yayiyindawo enomkhoka kakhulu. Mhlawumbi yinto yokuba isendleleni, ekulula ke ngoko ukufikeleleka. Ubungahlangana nazo zonke iindidi zabantu kuyo, kuziwe kubekwa ubilo okanye kuzokudityanelwa amadinga.

“Ingulo mfo ubusandula ukumkhusela enkundleni nje lo, uvela phi?” wabuza omnye ebukele uBantu engakuhoyanga tu ukukhwetywa nguJolela.

Uhambe waya kuhlala kwisitulo esikude phaya kuloo tafile babehleli kuyo, wacela ukuba makaziselwe isiselo, ukrakrayo.

Endaweni yokuphendula, uthe thuzu thuzu ukuhleka uJolela, wawamilisela kumlingane wakhe amehlo.

“Le ntyewu wena isinde ngezikaSibi ekuxhonyweni. Kumatyala endakha ndawasingatha alikho ebelidlula eli leliya xoki libulele umkalo. Uyayazi le nto kuthiwa *yiperfect murder*, kuthethwa into eyenziwe nguBantu Zathu lowa.”

“Asinde umntu ebebulele umfazi wakhe ngokumasikizi ngoluya hlobo, hayi, ayikholeleki le nto yenzekileyo.”

1.1.1 Zazithetha ziphi ezi zithethi zithetha kwisicutshulwa? (1)

1.1.2 Ikweyiphi idolophu le ndawo oyichaze kuMBUZO 1.1.1? (1)

- 1.1.3 Nika igama lenkosikazi kaBantu. (1)
- 1.1.4 Wawuyintoni umsebenzi kaJolela? (1)
- 1.1.5 Wayewusebenza nabani uJolela lo msebenzi uwuchaze apha kuMbuzo 1.1.4? (1)
- 1.1.6 Khetha ibe NYE echanekileyo kwizibiyeli (UNoziqhamo ungumchasi / umxhasi kaBantu). Nika isizathu sempendulo yakho. (2)
- 1.1.7 A. Ingaba ibinzana elikrwelelwe umgca ngaphantsi kwesi sicutshulwa Sisaci okanye Liqhalo? (1)
- B. Nika intsingiselo yesiSaci okanye lqhalo olichaze kuMbuzo 1.1.7(a) (2)
- 1.1.8 Uthetha ukuthini umbhali ngeli binzana: “*perfect murder*” (2)
- 1.1.9 Ngokokwakho ukucinga, ucinga ukuba isigwebo sentambo sisenzo esilungileyo okanye esingalunganga? Nika isizathu sempendulo yakho. (2)
- 1.1.10 Ukubulawa komfazi kaBantu kuliqhubele phambili njani na eli bali? (2)
- 1.1.11 Esi sicutshulwa singentla sibonisa eliphi inqanaba apha encwadini? (1)

**[17]**

## ISICATSHULWA B

1.2 Funda esi sicutshulwa singezantsi uze uphendule imibuzo elandelayo.

“Yintoni ekrwitshisayo ke ngoku?” wabuza uNoziqhamo encokola noMazwi eofisini yakhe. Wayebuzwa nje ukuqhuba incoko nokuphepha eminye imibuzo eyayibuzwa nguMazwi awayengafuni ukuyiphendula. Ayengekade awugqibe umsebenzi wawo amapolisa kweliya gumbi lokulindela. Wathi ke uMazwi uNoziqhamo makabe esiza kuthi chu kule yakhe iofisi ngeli xesha eza kumana esithi gqada phandle ayokuva ukuba zithini na ezintsha.

“Inokuba wena Profesa le *chap* kudala ifuna ukuyenza le nto koko inqatyelwe lithuba. Ukuba ibingeyiyo laa bhotile ineacid nekucaca into yokuba uyale uDlamini ibimnika ukuba ayisele, ngendisithi ebehlaselwa nyhani ngoba igeza akunakuze ulazi. Kodwa ke uDlamini akalulo olu hlobo lundlongondlongo.” wachaza wenjenjalo uMazwi.

**Sasiphithizela ngoku isibhedlele oku kweenyosi zixhokoxwe yinkwenke egezayo,** kungaziwa nokuba yenziwa bubukho bamapolisa na loo nto. Ayemana engena ephuma, kufika aba kuphinde kufike abanye. Yayingamaqela ngamaqela anobuchule obubodwa kwizinto yinto zobundlobongela nobugwinta.

Wayemana esitsho uMazwi ukuthi ithontsi nje laleya *acid* beliya kumbulala ngomzuzwana uDlamini ukuba ke phofu yayize noJolela. Kaloku wayesenokukhanyela athi akazani nayo. Ukubaleka oku kodwa yayiluphawu lokuba wonile okanye ke mhlawumbi usulelwe nguDlamini ngobugeza.

limfonomfono zamapolisa zazixananazile, kumana kusithiwa uJolela naanko enyuka ngesitrato esinguzibani, kodwa kungathethwa ngoBantu.

- 1.2.1 Nika igama lendawo ababencokola bekuyo uNoziqhamo noMazwi. (1)
- 1.2.2 Babebizwa ngeliphi igama abantu abaphangela eKapa, baze bamane begoduka besiya ezilalini zabo ngamaxeshu ekhefu? (1)
- 1.2.3 Khetha impendulo echanekileyo ibe NYE kwezi zingezantsi: Ngokwalapha encwadini sesiphi isenzo esithande ukuxhaphaka kwidolophu yaseKapa?
- A Kukuselwa kotywala.  
B Kukuthandwa kwemali.  
C Kukuthandwa kwecawa. (1)
- 1.2.4 Ingaba isihloko sale ncwadi sihambelana njani nomxholo wencwadi? (2)
- 1.2.5 Yintoni eyayibangela ukuba uBantu asoloko enempixano apha encwadini? (2)

- 1.2.6 Kusisigqebelo njani ukubanjwa kukaJolela? (2)
- 1.2.7 Zivezwe njani ingxaki zomtshato apha encwadini? (2)
- 1.2.8 Umqolo obhalwe ngqindilili unesafobe: Sichonge unike nodidi. (2)
- 1.2.9 Ingaba yintoni eyayibangela ukuba uJolela abe nobuhlobo noDlamini? Kutheni efuna ukubuphelisa ngeacid nje obo buhlobo? (2)
- 1.2.10 Ithini imfundiso yale ncwadi? (2)
- 1.2.11 Vala isikhewu ngegama elifanelekileyo: Umlinganiswa oyintloko kule ncwadi ngu ... (1)

**[18]****[35]****OKANYE**



**ICANDELO B****UMBUZO 2 (UMBUZO OMFUTSHANE)****IDAYIMANI ICHOLWA ELUTHULINI: ZAMA A. JAPHTA****ISICATSHULWA A**

2.1 Funda esi sicutshulwa silandelayo uze uphendule imibuzo.

*(Akudlulanga mizuzu mingaphi emva kwencoko yenqununu nesekele layo, wagaleleka uMfanelo kwi-ofisi yenqununu. Ungene iqondele phantsi ibhala.)*

Mfanelo: *(Ethinta isikhohlela)* Mh-mh. Molo Mfundisi.

Mnu. Cingo: *(Ephakamisa amehlo)* Molo ... uvela phi kwedini? Kutheni le nto undenza isibhanxa nje?)

Mfanelo: Er ... Uxolo Mfundisi, bendingaphilanga.

Mnu. Cingo: Ubungaphilanga! Yintoni? Unyanisile! Ubunxila! Naso isigulo obunaso.

Mfanelo: Akunjalo Mfundisi. Bendihlaselwe sisisu, kwaye nogqirha wacebi ...*(Edlulisa iphepha)*

Mnu. Cingo: *(Exhiphula iphepha ngomsindo)* Usabuya nezi zinto kwedini? Uze kuphangela okanye ...?

Mfanelo: *(Ebonakalisa ukuzisola)* Ewe Mfundisi. Nto nje ndonqene ukuya ngqo ebantwaneni ndingadlulanga kuwe.

Mnu. Cingo: Ke ngoku ulinde ntoni? Ukuba ucinga ukuba usaza kwenza eza zimbo zakho, ho-ho, uchanekile mfana kaGontsi. Baninzi abantu abafuna le ndawo yakho. Ngaphezulu koko ndikuyala okokugqibela, kwedini. Ukuba ukhe nje waphinda wamnye kule mikhuba yakho, inene, ungaphandle ngelo xesha kanye. Abahloli kudala bendibuza ngawe ndikuquma. Ngoku liphelile elo xesha, uwedwa ngoku, uya kuzika okanye uphelelwe ngamandla akho kuphela. Kwaye ngaphezulu undenza ixoki kwikomiti kwedini! *(Efudumele mpela ngumsindo)* uyabonwa apha elalini unxilile ngexesha lesikolo, njengokuba uze kuxoka apha!

Mfanelo: *(Ephatshile)* Uxolo Mfundisi, noko bendinengxaki yasekhaya ngoku ...

2.1.1 Nika igama lesikolo awayephangelanga kuso uMfanelo.

(1)

- 2.1.2 Yayingubani igama lesekela nqununu kwisikolo osichaze kuMBUZO 2.1.1? (1)
- 2.1.3 Yayiyintoni ingxaki kaMfanelo, ngokwalapha ebalini?. (2)
- 2.1.4 Wadibana phi uMfanelo noNonkuthazo? (1)
- 2.1.5 Chonga umqolo ochaza ukuba uMfanelo kudala esona. (1)
- 2.1.6 Yayiyintoni ebonakalisa ukuba uMfanelo wayengavani noMnu Cingo? (1)
- 2.1.7 Ingaba esi sicutshulwa sikweliphi inqanaba lencwadi? (1)
- 2.1.8 Umqolo okrwelelwe umgca ngaphantsi uchaza oluphi udidi lwempixano? Nika isizathu sempendulo yakho. (2)
- 2.1.9 Ungathi wayeyinqununu enjani uMnu. Cingo? (2)
- 2.1.10 Wenza ntoni uMnu. Cingo ukukhusela uMfanelo emsebenzini? Iyintoni isizathu soko? (2)
- 2.1.11 Ubamosha njani abantwana utitshala owenza izinto ezenziwa nguMfanelo apha encwadini? (2)
- 2.1.12 Ukuba wawulilungu lekomiti, wawunokuyisombulula njani le ngxaki utitshala uMfanelo wayenayo apha ebalini? (2)

**[18]**

## ISICATSHULWA B

### 2.2 Funda esi sicutshulwa silandelayo uze uphendule imibuzo.

*(Kusasa kwaGontsi, uSaziso wavuka nje walungisa waphangela. UMfanelo naye watya nje walungiselela ukuphinda indlela ahambe. Walile unina ukuba ahambe bengakhange baphinde bathethe. Umbizele kwelakhe igumbi kusasa njalo.)*

Nkskz. Gontsi: Thatha naso isitulo uhlale Mfanelo. Noko awunako ukusele uhamba olo hlobo kaloku. Kukokwenu apha Mfanelo kwaye ke akugxothwa.

Mfanelo: *(Ekrikriza)* Hayi mama anditsho ukuba ndigxothiwe, koko ndisukela ukuya kulungiselela umsebenzi.

Nkskz. Gontsi: Ndiyayivuyela loo nto mntwanam, kodwa ke kungoMgqibelo namhlanje, lusekhona nolwangomso usuku. Umntu akasele edlula olo hlobo xa agodukileyo.

Mfanelo: *(Esentshingintshingi)* Ndiyavuya mama, kodwa izinto ezihambayo ziyanqaba ngeCawe apha.

Nkskz. Gontsi: Uya kusele uthatha ezasemvakwemini namhlanje Mphankomo. Kodwa okwangoku masibe siqhubeka ngale yaphezolo. Mfanelo uze undiphulaphule kakuhle mntwanam. Xa sisithi kuwe lo mntu uthandana naye akakufanele, asikuko ukuba uyasela nje kuphela koko kaloku xa uthandana nomntu onenjongo ngaye kuyafuneka ukuba abe uyamkelwa nangabantu ophuma kubo. Hayi into yokuba wonene nguye wena akunalo ithuba lethethwa sithi into. Kwa ...

Mfanelo: Mama nini apha ekhaya abangamniki thuba lokukhe nimbone nize nimfunde uNonkuthazo. Nithathe izigqibo kwizinto enizivileyo hayi enizibonileyo.

Nkskz. Gontsi: Mfanelo, **ingwe idla ngamabala**, mntwanam. Ukuba ungathi uza naye apha kuthi lo mntu wakho uya kuzifihla eyona nto ayiyo.

- 2.2.1 Nika igama lelali elalikuyo ikhaya likaMfanelo. (1)
- 2.2.2 Yayingubani umkhuluwa kaMfanelo? (1)
- 2.2.3 Yintoni eyayibangela ukuba uNkosikazi Gontsi angamvumeli uMfanelo ukuba ahambe? (1)

- 2.2.4 Yayingantoni ingxoxo eyayiphakathi koMfanelo nomama wakhe? (2)
- 2.2.5 Chaza igalelo likaNonkuthazo kubomi bukaMfanelo. (2)
- 2.2.6 Ingaba uMfanelo noNoNkuthazo babefanelene, okanye babengafanelanga? Xhasa impendulo yakho. (2)
- 2.2.7 Sichaneke njani isihloko sale ncwadi nomxholo? (2)
- 2.2.8 Kweli bali umbhali ukuveze njani ukusetyenziswa kotywala? (2)
- 2.2.9 Uthini umyalezo oqulathwe yile ncwadi ithi 'Idayimani icholwa eluthulini'? (2)
- 2.2.10 Nika udidi lwesafobe sebinzana elibhalwe ngamagama angqindilili uze unike nentsingiselo yesafobe eso. (2)

[17]

**AMANQAKU ECANDELO A: 35****OKANYE**

**ICANDELO C: IMIBONGO****UMBUZO 3****ISIHOBÉ SE-AFRIKA ENTSHA: P.N. GIDI****ISICATSHULWA A**

## 3.1 Funda umbongo owunikiweyo uze uphendule imibuzo elandelayo

**UTHANDO: P.M. MAFILIKA**

1. Maxa wambi luchulumanco
2. Maxa wambi yincindi yekhala
3. Iingcambu zakho azaziwa ezweni
4. Wena ufana nemozulu;
5. Wena uyierosi kumaGrike
6. Usisikhondo sentliziyo eAfrika.
  
7. Kwabanye udala ulonwabo
8. Kwabanye udala unxunguphalo
9. Wena awufuni bhetyebhetye
10. Ufuna umntu onomqolo;
11. Wena erosi kumaGrike
12. Sitya sobungcwele eAfrika.
  
13. Uxwaya iethe-ethe,
14. Ulise kwaNtsonganyawana
15. Kanti isomeleli
16. Usishiya sithe qoko.
17. Wena erosi kumaGrike
18. Siseko solwendo eAfrika.

- 3.1.1 Nika udidi lwalo mbongo ulapha ngentla. (1)
- 3.1.2 Loluphi uphawu lombongo olufumaneka kwisitanza sokuqala kumgca wokuqala nowesibini? (1)
- 3.1.3 Kutheni imbongi uthando ilufanisa nemo yezulu nje? (2)
- 3.1.4 Ingaba imbongi kumhlathi wokuqala izama ukuthini eluntwini ngothando? (2)
- 3.1.5 Kwisitanza sesibini kwimigca emine yokuqala kukho isafobe: Sichonge unike nodidi lwesafobe eso. (2)
- 3.1.6 Igama "umqolo" lineentsingiselo ezininzi. Nika ezinye ezimbini ezahlukileyo kuleyo isembongweni. (2)

- 3.1.7 Nika intsingiselo yeli gama, 'iethe-ethe' (1)
- 3.1.8 Caphula igama elichaza ukuba uthando luyafunqula, luphakamise, luthwale elikwisitanza sokugqibela. (1)
- 3.1.9 Khetha impendulo ibe Nye echanekileyo kwezi zingezantsi: KwaNtsonganyawana kuse ...
- A Mhlabeni.  
B Mangcwabeni.  
C Zulwini. (1)
- 3.1.10 Khupha isifanekisozwi esikwisitanza sokugqibela, uze uchaze ukuba sinika wuphi na umfanekiso ntekelelo? (2)
- 3.1.11 Nika intsingiselo enikwa ngumqolo obhalwe nggindilili kwisitanza sokugqibela salo mbongo. (1)
- 3.1.12 Zingaphi iindidi zothando ekuthethwe ngazo apha kulo mbongo? Iloluphi olu lungadityaniswayo nama-Afrika? (2)

**[18]**

3.2 Funda lo mbongo ungezantsi uze uphendule imibuzo elandelayo.

**I-AFRIKA: N.P TENZA**

1. Hay'ubutyukatha nokuphakama kweentaba zase-Afrika
2. Hay'ubuhlaza yaka kwamatyholo namadlelo ase-Afrika!
3. Kulapho iingcungcu zase-Afrika zibuka khona indalo,
4. limazi zeenkomo zase-Afrika zitshona kula madlelo
5. Nakulo mahlathi ashinyeneyo kukuchuma zibuye zibhonxile
6. ImiDaka idle amasi ichininike kukutyeba.
7. Afrika ulilo ikhaya!
  
8. Afrika ulikhaya!
9. EleeNdudumo lizele liyaphuphuma bubutyebi;
10. Oonyana be-Afrika baphuma njengentlabathi ephuma elwandle
11. Ukusinga kweleeNdudumo bayokomba igolide
12. Kwanyama ayipheli kuphel'izinyo lendoda.
13. Namhla intshongo isukile emehlweni.
14. Afrika ulilo ikhaya!
  
15. Afrika ulikhaya!
16. Afrika uzigqwese zonke izizwe ngezimbiwa.
17. Afrika uzigqwese zonke izizwe ngendalo
18. Ndinebhongo ndiyazingca ngawe.
19. Afrika ulilo ikhaya!
  
20. Afrika ulikhaya!
21. Ubuchasile ubuhange nobufunzweni.
22. Uzithwele izigidigidi zabantu beentlanga zonke.
23. Phaphama ukhanye-Afrika entsha.
24. Afrika ulilo ikhaya!

- 3.2.1 Ngokombhali i-Afrika lilizwe labantu abanjani? (1)
- 3.2.2 Nika izinto zibe **MBINI** ezichaza ukuba i-Afrika lilizwe lentlutha. (2)
- 3.2.3 Cacisa umahluko phakathi kwetyholo nehlathi. (2)
- 3.2.4 I-Afrika ngokwezembali yaziwa ililizwe labantu abamnyama. Ingaba abantu abamhlophe badibana njani nelizwe laseAfrika? (2)
- 3.2.5 (a) Chonga isafobe esifumaneka kumqolo we-10 unike nodidi. (2)
- (b) Chaza ukuba ithetha ukuthini imbongi kulo mqolo uwuchaze apha ngentla kuMbuzo 3.2.5. (1)

- 3.2.6 Khetha impendulo ibe NYE echanekileyo kwezi zingezantsi:  
“Namhlanje intshongo isukile emehlweni” imbongi ithetha ...
- A ukungaboni  
B ukubona  
C ukumamela (1)
- 3.2.7 Kutheni imbongi isithi iyazidla nje nge-Afrika kumhlathi wesithathu? (2)
- 3.2.8 Umhlathi wokugqibela udlulisa owuphi umyalezo eluntwini? (2)
- 3.2.9 Caphula imiqolo enophinda phindo kulo mbongo ungentla, uze unike nenjongo yophindaphindo olo. (2)
- [17]

**AMANQAKU ECANDELO C: 35**  
**AMANQAKU AMACANDELO EWONKE: 70**



